URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Neil Simons
ICandelo leKharityhulam ye-FET
Neil.Simons@westerncape.gov.za | 021 467 2576

Inombolo yefayili.: 22/2/10
Isalathiso: 20220317-785

ISetyhula: 0016/2022
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neMviwo nakwiiNtloko zezikolo zikarhulumente nezizimeleyo ezilungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuqinisekiswa kweProgram yoVavanyo eyi-Dramatic Arts Annual Programme of Assessment*

ISihloko: Ukuqinisekiswa kweProgram yoVavanyo eyi-*Dramatic Arts Annual Programme of Assessment* kwiiMvavanyo eziQhubekela eZikolweni ngo-2022 kumabanga 10 ukuya ku-12

1. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-DBE) lakhupha iSetyhula S6 ka-2022, yomhla we-03 Matshi 2022, eqinisekisa ukutshintshwa apha naphaya kwe-*Dramatic Arts Annual Programme of Assessment (POA) for School-based Assessment (SBA)* ngo-2022 kumabanga 10 ukuya ku-12.

2. ISetyhula S6 yeSebe i-*DBE* ka-2022, mayifundwe kunye ne-*Abridged Chapter 4 of the Dramatic Arts CAPS* kumabanga ukuya ku-12. Jonga isiHlomelo A ISetyhula S6 yeSebe i-*DBE* ka-2022.

3. ISetyhula S6 yeSebe LemMfundo i-*DBE* ka-2022 ke ngoko, ithatha indawo ye-*Dramatic Arts Annual POA* ekwiSetyhula S10 yango-2021, yomhla we-28 Meyi 2021. Jonga isiHlomelo B seNkqubo Yohlolo yoNyaka.

4. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) lenze utshintsho kwiirekhodishithi ze-*Dramatic Arts* zamabanga 10 ukuya ku-12 zeSebe iWCED ukulungiselela utshintsho olukule setyhula.

5. Zonke izikolo ezifundisa *i-Dramatic Arts* mazikhuphele (*download*) iifayili ezintsha **zeNguqulelo 2 ezintsha** zamabanga 10 ukuya ku-12, ezikhoyo ngoku kwi*-CEMIS*, yaye zizisebenzise ezi fayili ukufaka amanqaku azo. Inombolo yenguqulelo iya kuboniswa kwiphepha lerekhodishithi ngasentla kweqhosha elithi "*Export*".

6. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okubhalwe kule setyhula nakwiSetyhula S6 ye-Sebe i-*DBE* yango-2022, bonke ootitshala neentloko zamacandelo be-*Dramatic Arts* ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-03-31